PARLIAMENT
OF THE REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

VAKALISA ULUVO LWAKHO

UMTHETHO OYILWAYO WE- "VAT" WAMAQONDO NEZIXA-MALI KUNYE NOFAKELO-ZIHLOMELO KWIMITHETHO YENGENISO OSAQULUNQWAYO

IziPhakamiso neeNdibano zoVakaliso-zimvo

IKomiti esiSigxina yezeziMali kunye neKomiti eKhethekileyo yezeziMali imema abachaphazelekayo kunye namaqela anomdla ukuba angenise iziphakamiso ezibhaliweyo malunga noMthetho oYilwayo we- "VAT" wamaQondo neZixa-mali kunye noFakelo-zihlomelo kwiMithetho yeNgeniso oSaqulunqwayo.

UMthetho oYilwayo we- "VAT" wamaQondo neZixa-mali kunye noFakelo-zihlomelo kwiMithetho yeNgeniso oSaqulunqwayo ujonge:

- ukuqingqa amaqondo erhafu yesiqhelo;
- ukufakela izihlomelo kuMthetho weRhafu kwiMpahla aNayo uMntu, wowe-1955, ukuze kube nokufakelwa izihlomelo kwiqondo lerhafu kwimpahla anayo umntu;
- ukufakela izihlomelo kuMthetho weRhafu kwiNgeniso, wowe-1962, ukuze kube nokufakelwa izihlomelo kumaqondo erhafu nezixa-mali;
- ukufakela izihlomelo kuMthetho weMpahla eVeliswe ngaPhandle Kweli neVeliswe ngaPhakathi Kweli, wowe-1964, ukuze kube nokufakelwa izihlomelo kumaqondo erhafu akwiShedyuli 1 yalo Mthetho;
- ukufakela izihlomelo kuMthetho weRhafu kwiXabiso leziNto eziThengiswayo neeNkonzo, wowe-1991, ukuze kube nokufakelwa izihlomelo kwiqondo leRhafu kwiXabiso leziNto eziThengiswayo neeNkonzo;
- ukufakela izihlomelo kwisibonelelo ukuze kube nokubonelelwa ngokumiselwa kwerhafu ngendlela esebenzayo kurhwebo ngezixhobo ze-elekthroni; kunye
- nokulungiselela imiba enxulumene noko.

Iindibano zoluntu zovakaliso-zimvo ziza kuqhutywa ePalamente ngomhla wama-25 kuTshazimpuzi nangowesi-2 kwekaCanzibe 2018.

Iziphakamiso kwakunye nesicelo sakho esibonakalisa umnqweno wokwenza ingcaciso yomlomo kufuneka zifike ingadlulanga intsimbi ye-12:00 emini maqanda ngoLwesihlanu, umhla wama-20 kuTshazimpuzi 2018.

Iziphakamiso kufuneka zibhekiswe kooNobhala beKomiti, u**Mnu Allen Wicomb** kunye no**Nks Teboho Sepanya** (iKomiti esiSigxina yezeziMali) kunye no**Mnu Zolani Rento** (iKomiti eKhethekileyo yezeziMali), 3rd Floor, 90 Plein Street, Cape Town, 8000 okanye ku **awicomb@parliament.gov.za / tsepanya@parliament.gov.za / zrento@parliament.gov.za** inomb. yomnxeba **(021) 403-3759 / (021) 403-3738 / (021) 403-8071** okanye yefeksi : **(021) 403-3942.**

Sikhutshwe ngoHlon. uYI Carrim, iLungu lePalamente, uSihlalo: IKomiti esiSigxina yezeziMali (kwiNdlu yoWiso-mthetho yeSizwe) kunye noHlon. uCJ De Beer, iLungu lePalamente, uSihlalo: IKomiti eKhethekileyo yezeziMali (kwiBhunga lamaPhondo leSizwe).